
# Isifundo 4

** 18–24 Apreli*

# IBhayibhile—uMthombo oneGunya weMfundiso Yethu



## SABATHA EMVA KWEMINI

**Funda Ukulungiselela iSifundo sale Veki:**
Marko 7:1–13; Rom. 2:4; 1 Yohane 2:15–17; 2 Kor. 10:5, 6; Yohane 5:46, 47; Yohane 7:38.

**Indima Yenkumbulo:**
"Bhekani esiyalweni, esingqinweni! Ukuba bathe abathetha ngokwelo lizwi, boba abanasifingo" (Isaya 8:20).

Akukho bandla labuKristu lingasisebenzisiyo isiBhalo ukuxhasa iinkolo zalo. Noko kunjalo indima negunya lesiBhalo ngokwemfundiso ayinye kuwo onke amabandla. Eneneni, indima yesiBhalo ingahluka kakhulu ukusuka kwelinye ibandla ukuya kwelinye. Oku ngumba obalulekileyo kodwa ontsonkothileyo esizakuwuhlola ngokufunda imithombo emihlanu eyahlukeneyo enempembelelo nenefuthe kupicotho lwethu lwesiBhalo: isithethe, amava, inkcubeko, ingqiqo, neBhayibhile ngokwayo.

Le mithombo idlala indima ebalulekileyo kwimfundiso nganye nakwibandla ngalinye. Sonke siyinxalenye yezithethe neenkcubeko ezahlukeneyo ezinefuthe kuthi. Sonke sinamava aqingqa indlela esicinga ngayo aze aphembelele ingqiqo yethu. Sonke sinengqondo yokucinga nokuhlalutya izinto. Sonke siyayifunda iBhayibhile size siyisebenzisele ukuqonda kwethu uThixo nentando yaKhe.

Ngowuphi umthombo, okanye iintlanganisela yayo, enegunya lokugqibela ngendlela esipicotha ngayo iBhayibhile, kwaye isetyenziswa njani ngokokungqamana kwayo? Indima ephambili inikwa nawuphi umthombo okanye nayiphi imithombo ekhokelela kugxininiso neziphumo kwaye luyakugqiba icala esinge kulo imfundiso yethu xa iyonke.

**Funda esi sifundo sale veki ukulungiselela iSabatha, 25 Apreli.*

# Isithethe

Isithethe ngokunokwaso asisibanga. Sinikezela izenzo eziqhubeka mihla le ebomini bethu indlela nolwakhiwo oluthile. Singasinceda ukuba sihlale siqhagamshelene neengcambu zethu. Yhiyo lo nto, kungakhwankqisi ukuba isithethe sidlale indima ebalulekileyo kwinkolo yethu. Kodwa kukho kanjalo iingozi ezayamene nesithethe.

**UMarko 7:1–13 usifundisa ntoni ngendlela uYesu awasabela ngayo kwizithethe zabantu ngexesha laKhe?**

---

---

Esi sithethe wayejamelene naso uYesu sadluliswa ngobunono kuluntu lwamaYuda ukusuka kutitshala ukuya ebantwaneni. Ngexesha likaYesu, sasithathe indawo enye nesiBhalo. Isithethe, ngoko, sinomkhuba wokukhula emva kwezigaba ezide zexesha, size ngalo ndlela sikhule ngakumbi nangakumbi iinkcukacha neenkalo ezazingeyonxalenye yeLizwi necebo likaThixo ekuqaleni. Ezi zithethe zabantu-nangona sikhuthazwa ngamadoda amakhulu ahloniphekileyo (bona kuMarko 7:3, 5), umzekelo, ziinkokheli zenkolo zoluntu lwamaYuda-azilingani nemithetho kaThixo (bona kuMarko 7:8, 9). Yayizizithethe zabantu, zaza kamva zakhokhelela kumgangatho wokuba "ziliphange igunya ilizwi likaThixo" (Mark 7:13).

**Funda ku-1 Korinte 11:2 no-2 Tesalonika 3:6. Sahlula njani phakathi kweLizwi likaThixo nesithethe sabantu? Kutheni le nto kubaluleke kakhulu ukuba siwenze lo mahluko?**

---

---

ILizwi likaThixo eliphilileyo lisungula kuthi imo ehlonelayo nenyanisekileyo ngakulo. Oku kunyaniseka kuvelisa uhlobo oluthile lwesithethe. Ukunyaniseka kwethu, noko kunjalo, kufuneka kusoloko kuthembakele kuThixo ophilileyo, oyityhilayo intando yaKhe eLizwini likaThixo eliBhaliweyo. Ngaloo ndlela, iBhayibhile ibambe indima eyahlukileyo eyogqitha zonke izithethe zabantu, nkqu nezo zilungileyo. Izithethe ezintshula kumava ethu noThixo neLizwi laKhe zisoloko zidinga ukuvavanywa kwintonga yokulinganisa yesiBhalo esiNgcwele.

**Zeziphi izinto esizenzayo njengebandla ezinokuba phantsi kombhalo othi "isithethe"? Kutheni le nto kusoloko kubalulekile ukuzahlula kwimfundiso yeBhayibhile? Yiza nempendulo yakho eklasini ngeSabatha.**

# Amava

**Funda kumaRoman 2:4 noTito 3:4, 5. Sikungcamla njani ukulungu, unyamezelo, uxolelo, ububele, nothando lukaThixo? Kutheni le nto kubalulekile ukuba inkolo yethu ingabi lulwazi nje olungaphathekiyo, olusengqondweni, koko ibe yinto kanye engamava ethu? Kwangaxa linye, kungaziphi iindlela anokuthi amava ethu angquzulane neBhayibhile de asishenxise kwinkolo yethu?**

---

---

Amava yinxalenye yokuphila kwethu bantu. Aphembelela iimvakalelo neengcinga zethu ngendlela emandla kakhulu. UThixo usenze ngohlobo lokuba ubudlelane bethu nendalo yaKhe, naYe uThixo gaqa, bungqamane kwaye bubunjwe kakhulu ngamava ethu. Ngumnqweno kaThixo ukuba singcamle ubuhle bobudlelane, ubugcisa nomculo, kunye nemimangaliso yendalo, kwangokunjalo nemihlali yosindiso lwaKhe namandla ezithembiso zeLizwi laKhe. Unqulo nenkolo yethu zingaphezu kokuba zizigqibo zemfundiso nengqiqo. Amava esinawo abumba ngokukhulu indlela esimbona ngayo uThixo nkqu nendlela esiliqonda ngayo iLizwi laKhe. Kodwa sidinga kanjalo ukubona ngokucace gca imida nokunganeli kwamava ethu kumba wokwazi intando kaThixo.

**Silumkiso sini esifumaneka ku-2 Korinte 11:1–3? Oku makusixelele ntoni ngemida yokukholosa ngamava ethu?**

---

---

Amava asenokukhohlisa kakhulu. Xa sithetha ngokweBhayibhile, amava kufuneka abekwe kumgangatho wawo ofanelekileyo. Kufuneka ahlohlwe yaye abunjwe sisiBhalo aze apicothwe sisiBhalo. Ngamanye amaxesha sifuna ukuba namava ento echaseneyo neLizwi nentando kaThixo. Apha sidinga ukufunda ukuthemba iLizwi likaThixo ngaphezu kwamava neminqweno yethu. Kufuneka sivul'amehlo siqiniseke ukuba nkqu nentando yethu le yembala isoloko iyondelelene neLizwi likaThixo yaye ayikhabani nemfundiso ecace gca yeBhayibhile.

**Inkolo apho uthando ngakuThixo nothando ngakwabanye (bona kuMarko 12:28–31) luyimithetho emikhulu, ngokuqinisekileyo, yinkolo apho amava abaluleke khona. Kwangaxa linye, kutheni kusoloko kubalulekile ukuba amava ethu siwavavanye ngeLizwi likaThixo?**

**Lwesibini** *21 Apreli*

# Inkcubeko

Sonke singaba siyinxalenye yenkcubeko ethile okanye iinkcubeko. Sonke siphenjelelwa sibunjwe yinkcubeko, kanjalo. Akukho uyiphephayo kuthi. Ngokwenene, cinga ngendlela oko kukwiTestamente eNdala okuyimbali ngayo kaSirayeli edyojwa ziinkcubeko ezimngqongileyo. Yintoni esenza namhlanje sicinge ukuba sahlukile, okanye singcono? ILizwi likaThixo ngokunjalo linikezelwe ngenkcubeko ethile, nangona lingabophelelekanga kule nkcubeko inye. Nangona imeko ezithile zenkcubeko ngokungenakuphetshwa ziphembelela ukuqonda kwethu iBhayibhile, akufuneki siphulukane nombono wokuba iBhayibhile itshatshela ngaphaya kwamanqanaba amiselweyo enkcubeko ngokobuhlanga, ubukumkani, nenqanaba ngokwasekuhlaleni. Esi sisizathu ekuphela kwaso esenza ukuba iBhayibhile ivelele kuyo nayiphi inkcubeko yoluntu kwaye inako ukuguqula nokulungisa iinkalo ezizaliswe sisono ezifumaneka kuyo nayiphi inkcubeko.

**Funda ku-1 Yohane 2:15–17. Uthetha ukuthini uYohane xa esithi masingazithandi izinto zehlabathi? Singaphila njani ehlabathi kodwa singabi nengqondo yehlabathi?**

Inkcubeko, njengalo naliphi icala lendalo kaThixo, ichatshazelwe sisono. Ngenxa yoko, nayo ngokunjalo ijamelene nomgwebo kaThixo. Ewe, ezinye iinkalo zenkcubeko yethu zihambelana kakuhle nenkolo yethu, kodwa kufuneka sisoloko silumkile ekwahluleni phakathi kwazo zombinini. Okokuqala, inkolo yeBhayibhile kufuneka icel'umngeni, ukuba sikhona isizathu, inkcubekho ekhoyo ize idale inkcubeko engenye ephikisanayo yona ethembeke eLizwini likaThixo. Side sibe kanti sinento egxunyekwe kuthi evela ngasentla, kungekudala sakululamela oko kusingqongileyo. U-Ellen G. White usibonelela ngale ngcamango: "Abalandeli bakaKristu kufuneka bahluke ehlabathini ngemimiselo nangemidla, kodwa akufuneki bazinxweme ehlabathini. UMsindisi wayezidibanisa qho nabantu, hayi ukubakhuthaza kuyo nayiphi into eyayichasene nentando kaThixo, kodwa ukubaphakamisa nokubaphucula."—Ellen G. White, *Counsel to Parents, Teachers, and Students Regarding Christian Education,* p. 323.

**Zeziphi iinkalo zenkcubeko yakho ezichaseneyo ngokupheleleyo nenkolo yeBhayibhile? Okubaluleke ngakumbi, sima nkqi njani ngokuphikisanayo nezo nkalo ezizama ukudyobha inkolo yethu?**

# Ingqiqo

**Funda ku-2 Korinte 10:5, 6; Imizekeliso 1:7; neMizekeliso 9:10. Kutheni intobelo kuKristu ezingcingeni zethu ibaluleke kakhulu nje? Kutheni ukoyika iNkosi kuyingqalo yobulumko nje?**

---

---

UThixo usinike amamdla okucinga nokuqiqa. Sonke isenzo somntu nayo nayiphi ingxoxo yemfundiso ithatha isakhono sokucinga kwethu nokwenza izishwankathelo. Asiyixhasi inkolo engekho zingqondweni. Emva kwenkulungwane 18th -Ixesha loKhanyo, noko kunjalo, ingqiqo yomntu yathatha indima entsha nenamandla, ngokukodwa kwintlalo yaseNtshona, engaphaya kwesakhono sethu sokucinga nokufikelela kwizishwankathelo ezizizo. Ngokuphikisanayo nengcamango yokuba lonke ulwazi lwethu lusekelezelwe kumava oluvo, olunye uluvo luyibona ingqiqo yomntu njengomthombo omkhulu wolwazi. Olu luvo, lubizwa ngokuba kukulandela ingqondo, yingcamango yokuba inyaniso asinto uyivayo koko isengqondweni yaye ivela kwingqiqo. Ngamanye amazwi, iinyaniso ezithile zikhona, yaye yingqiqo yethu kuphela enako ukuziqonda ngokuthe ngqo. Le nto yenza ingqiqo yomntu uvavanyo nomgangatho wenyaniso. Ingqiqo yaba ligunya elitsha ekwafuneka ukuba yonke enye into iqubude kulo, kuquka negunya lebandla kunye, nokubonakala ngakumbi, negunya leBhayibhile njengeLizwi likaThixo. Yonke into eyayingabonakali ngokunokwayo kwingqiqo yomntu yaguzulwa nokulunga kwayo kwathandabuzwa. Lo moya wachaphazela iindawo ezinkulu zesiBhalo. Yonke imimangaliso nezenzo zikaThixo ezingaphaya kwemvelo, ezifana nokuvuka kukaYesu eyinyama, ukuzalwa yintombi, okanye iNdalo entsuku-ntandathu, ukukhankanya ezimbalwa, zange ziphinde zibonwe njengezinobunyani nezithembakeleyo. Inyaniso kukuba, kufuneka sikhumbule ukuba nkqu amandla engqiqo le yethu achatshazelwe sisono kwaye idinga ukuziswa phantsi kolawulo lukaKristu. Abantu bamfamekile ngokwasengqondweni yaye bazintshaba noThixo (Efe. 4:18). Sidinga ukukhanyiselwa liLizwi likaThixo. Okunye, le nto yokuba uThixo enguMdali wethu ibonisa ukuba, xa sithetha ngokwaseBhayibhileni, ingqiqo yethu yobuntu asiyonto edalwe yakwazi ukuzisebenzela ngokuzimeleyo okanye ngaphandle koThixo. Ndaweni yoko, "yingqalo yokulumka ukoyika uYehova" (Miz. 9:10, thelekisa neMiz. 1:7). Kuphela kuxa sisamkela intyilelo kaThixo, equlathwe kwiLizwi eliBhaliweyo likaThixo, njengeyongamileyo ebomini bethu, yaye sikulungele ukulandela oko kubhaliweyo eBhayibhileni, esinokuthi siqiqe kakuhle.

**Kwiinkulungwane ezadlulayo, uMongameli waseMerika uThomas Jefferson wazenzela inguqulelo yakhe yeTestamente eNtsha ngokuguzula yonke into, ngokoluvo lwakhe, eyayiphikisana nengqiqo. Yasuswa phantse yonke imimangaliso kaYesu, kuquka novuko lwaKhe. Oku kodwa makusifundise ntoni ngemida yengqiqo ekuqondeni inyaniso?**

# Lwesine

*23 Apreli*

# IBhayibhile

UMoya oyiNgcwele, otyhile waphefumlela umxholo weBhayibhile ebantwini, akasoze asikhokele ngokuchasene neLizwi likaThixo okanye silahleke simke kwiLizwi likaThixo. KuBalindi, iBhayibhile inegunya elikhulu kunesithethe somntu, amava, ingqiqo, okanye inkcubeko. YiBhayibhile kuphela engumgangatho nekufuneka yonke enye into ivavanywe ngawo.

**Funda uYohane 5:46, 47; noYohane 7:38. KuYesu, ingaba iBhayibhile ingumthombo wokugqibela wokuqonda imibuzo yasemoyeni? IBhayibhile iyiqinisekisa njani into yokuba uYesu nguMesiya wokwenene?**

---

---

Abanye abantu babanga ukuba bafumene "iintyilelo" ezizodwa nemiyalelo evela kuMoya oyiNgcwele, kodwa ezi zinto ziyaphikisana nomyalezo ocacileyo weBhayibhile. Kubo uMoya oyiNgcwele uthathe igunya eliphezulu kunegunya leLizwi likaThixo. Nabani na obhangisa iLizwi elibhaliweyo neliphefumlelweyo aze aphephe umyalezo walo ocacileyo, uhamba kumhlaba oyingozi yaye akalandeli inkokhelo yoMoya kaThixo. IBhayibhile kuphela kwesikhuselo sethu sasemoyeni. Yiyo kuphela engumgangatho onokuthenjwa kuyo yonke imiba yenkolo nokwenza. "NgeziBhalo uMoya oyiNgcwele uthetha nengqondo, aze abethelele inyaniso entliziyweni. Ngalo ndlela ubhenca ubuxoki, aze abugxothe emphefulweni. KungoMoya wenyaniso, esebenza ngelizwi likaThixo, athi uKristu abeyisele kuYe abantu baKhe abanyuliweyo."—Ellen G. White, *The Desire of Ages,* p. 671. UMoya oyiNgcwele mawungakhe uqondwe njengothathe indawo yeLizwi likaThixo. Endaweni yoko, Usebenza ngolungelelwano kunye nangeBhayibhile ukusitsalela kuKristu, ngalo ndlela ayenze iBhayibhile ibe kuphela komgangatho wakwamoya onyanisekileyo ngokweBhayibhile. IBhayibhile ibonelela ngemfundiso eziphilileyo (bona ku-1 Tim. 4:6), yaye njengeLizwi likaThixo ithembakele kwaye ifanelwe lulwamkelo olupheleleyo. Asingomsebenzi wethu ukuhlala kwisihlalo sokugweba isiBhalo. ILizwi likaThixo, ndaweni yoko, linelungelo negunya lokugweba thina nokucinga kwethu. Kakade, liLizwi eliBhaliweyo likaThixo ngokwaKhe.

**Kutheni iBhayibhile isisikhokelo esikhuselekileyo kwimibuzo yakwamoya kunezimvo zomntu ngokunokwakhe? Yintoni imiphumela xa singayamkeli iBhayibhile njengomgangatho esivavanya ngawo zonke iimfundiso kuquka namava ethu asemoyeni? Ukuba intyilelo yasekhusini ibililizwi lokugqibela kwimibuzo yakwamoya, kutheni oku bekungayi kukhokelela ndawo koko kwisiphithiphithi nobuxoki?**

# Lwesihlanu
*24 Apreli*

## Ingcamango Ngakumbi:

Funda ku-Ellen G. White, "The Scriptures a Safeguard," pp. 593–602, in *The Great Controversy*. Isithethe, amava, inkcubeko, ingqiqo, neBhayibhile zonke zikhona ekuqwalaseleni kwethu iLizwi likaThixo. Umbuzo osemqoka ngowokuba: Ngowuphi kule mithombo ogqibelayo nonegunya lokugqibela kwimfundiso yethu? Yenye into ukungqinela iBhayibhile, kodwa kuyenye into konke konke ukuvumela iBhayibhile, ngolungiselelo lukaMoya oyiNgcwele, ukuba iphembelele iguqule ubomi. "Elizwini laKhe, uThixo unikezele ebantwini ulwazi oludingekayo losindiso. IziBhalo kufuneka zamkelwe njengentyilelo enegunya, ezinzileyo yentando yaKhe. Zingumgangatho wesimilo, umtyhili weemfundiso, novavanyo lwamava."—Ellen G. White, *The Great Controversy*, p. 9.

## Imibuzo Yengxoxo:

**1. Kutheni kulula ukuphakamisela phezulu iinkcukacha zezithethe zabantu kunokuphila umoya osemthethweni kaThixo: ukuthanda iNkosi uThixo wethu ngentliziyo yam iphela, nangomphefumlo, nangengqondo, nommelwane wam ngoko ndizithanda ngako (bona kuMat. 22:37–40)?**

**2. Eklasini, xoxa ngempendulo yakho kumbuzo wokugqibela kwiCawa. Ndima ni ekufuneka idlalwe sisithethe ebandleni lethu? Uzibona ziphi iintsikelelo nemingeni kwizithethe zenkolo?**

**3. Singaqiniseka njani ukuba isithethe, nokuba siphucuke kangakanani na, asigqithi ngaphaya kweLizwi likaThixo eliBhaliweyo nelingumgangatho negunya lethu lokugqibela?**

**4. Hlawumbi ubani abange ukuba ube nephupha apho iNkosi ithethe naye, yamxelela ukuba iCawa lusuku lokwenyani lokuphumla nonqulo kumaxesha eTestamente eNtsha. Ungaphendula njani kulo mntu, yaye ibali elifana neli lisifundisa ntoni ngendlela amava ekufuneka evavanywe ngayo ngeLizwi likaThixo?**

**5. Eklasini, thethani ngenkcubeko elizibona lintywile kuyo ibandla lenu. Loo nkcubeko iyiphembelela njani inkolo yenu? Mizekelo mini esinokuyifumana kwimbali apho inkcubekho yaphembelela ngokumandla izenzo zamalungu ebandla ngendlela apha, xa sikhangela ngasemva ngoku, siyibone kakubi? Sifundo sini esinokuzibambela sona koku kule mihla, ukuze singenzi iimpazamo ezifanyo?**